Ama impiriyali aphembelela ngabom uhlaselo lwabasebenzi abamnyama nosomashishini abancinci abavela kwiAfrika iphela

Kwintsuku ezimmbalwa ezidlulileyo amarhe aqele ukuvela kumaphepha-ndaba ongxowankulu ‘amaphepha-ndaba azimeleyo’, ETV nakuSABC malunga nogrogriso olucingelwayo ‘loloyiko olungenasizathu sivakalayo sokudibana nabantu basemzini’ ‘xenophobic’ emva kwe kwemidlalo yendebe yehlabathi. Le yinxalenye yokulungisa ingqondo zesininzi zihlasele abantakwethu abamnyama nodade bethu, olwenziwa zizigebenga eziseluhlwini lwabahlawulwa ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo ngama impiriyali. Eli nyathelo liyafana nento eyenzekayo ngo 2008 xa amaphepha-ndaba ongxowankulu aqalisa ngokuvuselela uhlaselo lobundlobongela, edlala ngokuphelelwa lithemba ngabangaphangeliyo yaye nokuzingca kobuhlanga okugqithisileyo bobuzwe obabuphembelelwa yiANC, kubasebenzi bangaphandle abamnyama nabangosomashishini abangamaAfrika, ingakumbi abemi baseZimbabwe. Ngelo xesha kwakusondela imeko ye revolution eZimbabwe kunye kwaneenjengele zomkhosi zasabela eMzantsi Afrika, zibanga ukuba isininzi samajoni odidi oluphantsi sichasene noMugabe; ama impiriyali azile ukuba ukuba abantu bambhukuqile uMugabe nge revolution, azakuphulukana hayi kuphela ne agent yabo eyintloko eZimbabwe (ukuthi uMugabe) kodwa uphakamo lwe revolution lunganwenwela eMzantsi Afrika yaye lingade liye kummandla wonke. Liqhinga elidala lama impiriyali lokubeka umsebenzi ngokuchaseneyo nomsebenzi xa ejongene nomceli mngeni onga ungangowe revolution. Ngolo hlobo umsebenzi woMzantsi Afrika wathabatheka ngokuchaseneyo nabasebenzi baseZimbabwe nabaseSomali. Ngo 2008 ‘amaphepha ndaba azimeleyo’ apapasha eluntwini kumaphepha awo asekuqaleni, imifanekiso yabemi baseZimbabwe abatshayo ekubeni amapolisa ebukele, ehleka yaye engenzinto. Oku kubonise ulutsha olungasebenziyo ukuba lunganako ukuhlasela abantakwabo nodade babo abangamaAfrika yaye urhulumente akazukwenza nto.

Yonke into yenziwa ukuphazamisa abasebenzi kulo mmandla. Uninzi lwezizigebenga ezabulala abantakwethu nodade bethu ngo 2008 zisanyuka zisihla ezitalatweni; le nto ibonisa inxaxheba karhulumente norhulumente weANC-SACP kwizicwangciso zama impiriyali.

Ngoko ke kutheni ngoku ama impiriyali ephembelela uhlaselo kubantakwethu nodade bethu abamnyama?

Ukukhula kobungxowankulu kwihlabathi kuthetha ukuthi isininzi ngakumbi sezinto ezithengiswayo zisuka ekuxhatshazweni kwabasebenzi behlabathi; ngolo hlobo, umzekelo, i-cellphones zihlanganisa kunye umsebenzi wabasebenzi e-DRC, eMelika, eYurophu, eChina naseJapan. Imveliso yobungxowankulu mihla yonke itshabalalisa ukwahlukahlukana ngokobuhlanga yaye imanya abasebenzi kwisigaba sehlabathi; inkampani ezinkulukazi nemizi egcina imali ilungiselela imveliso ngokwesigaba sehlabathi, zinciphisela abasebenzi kumazwe ohlukeneyo kwimivuzo yobukhoboka

isenzela amaqela ammbalwa ama impiriyali akhuphisanayo. Kumazantsi eAfrika, umzekelo, abasebenzi abakulamazwe bonke uninzi baphantsi kolawulo lwemizi egcina imali yaseWall street (yaye ngokungaphantsi kwimizi egcina imali yase Ngilani, eFrance, eJamani neyaseJapan nakoodla bodwa); ukukhula kobungxowankulu eMzantsi Afrika kuquka iminyaka emininzi yomsebenzi wamakhoboka avela eMalaysia naseIndonesia, kubasebenzi baseChina, abasebenzi abavela eMozambique, eSwaziland, eMalawi, eBotswana, ingakumbi emigodini; kodwa abaqashi basemigodini, bebesoloko bexhalabile yingozi yenkcaso yabasebenzi abamanyeneyo, bebesoloko mihla le ngabom bephembelela iyantlukwano ngokobuzwe nobuhlanga yaye ngabom baphembelela imilo phakathi kwentlanga ezimbini, ukwenzela ukugcina ulawulo lobungxowankulu; njengoko izigidi ezingaphezulu esibinini zabemi baseZimbabwe beseMzantsi Afrika yaye sukela ngo 1994 kubekho inani elikhulukazi labasebenzi abangena eMzantsi Afrika abavela kwiAfrika ngokubanzi, ama impiriyali axhalabila kakhulu malunga nolumanyano lukhulayo lwabasebenzi nolwazi olukhulayo lokuqonda umgangatho; uhlaselo kubantakwethu abamnyama nodade bethu luphembelelwa ngama impiriyali ngelinge lokuphelisa ingozi ekhulayo ye revolution, leyo ibonakala ngamandla izimisele ukudubula kwiAfrika yonke eseMazantsi; uhlaselo lujolise ekuphambukiseni abasebenzi ekulweni elona tshaba (ongxowankulu-ama impiriyali) yaye nokudinisa abasebenzi ngokuzakusoloko besilwa amaqela ezigebenga.

Indebe yehlabathi ibesisibhidekisi sangabom enkxwalekeni nakuhlaselo olummandla olwenziwa ngoku ngokuchasene nabasebenzi; baye babala ukuba abasebenzi abazukubhidekiswa ithuba eli de yaye kungekudala bazakujika baqwalasele kolu hlaselo;

Elinye elikhulu loluhlaselo kubasebenzi nakwabasezantsi bomgangatho ophakathi yaye kwa nakongxowankulu abancinane yingxikela yokunyuka kwamaxabiso ombane; inkokheli zikaCOSATU ziye zalulibazisa ngabom uqhankqalazo lukawonke wonke oluchasene nexabiso lombane elinyukileyo ngokukhonza oo master babo ama impiriyali, besazi kakuhle mhlophe ukuba kukho umsindo ongenakufaniswa nanto ochasene nolunyuso; ezantsi isininzi ngokubanzi sinyamezele sonela kumbuso kaZuma wase'Polokwana'- ama impiriyali ayazi kukho ingxaki yokungathembakali kuwo nokuba akukho qela lezopolitiko linokunqanda abasebenzi njengokuba zonke ii agent zawo zithandabuzwa; iinkokheli zikaCOSATU zilibazise ngabom kwa ikhwelo elingumqondiso losuku olunye loqhankqalazo lukawonke wonke njengokuba ama impiriyali esazi ukuba nayiphina intlantsi naphina ehlabathi iyakukhuthaza inkcaso naphina ehlabathini (ama impiriyali ethathe isifundo kumaqhankqalazo asixhenxe kawonke wonke aseGreece kulo nyaka yaye enza ngazozonke indlela ukuphelisa inkcaso kwa phambi kokuba iqale); ngalo ndlela onke amaqela, ama impiriyali novuma zonke babo abakwi mpembelelo zabasebenzi basebenza kunye ngokuchaseneyo nesininzi sabantu; ngoku njengaku 2008 singalindela amaziko ocinizelelo karhulumente asebenze nemiguvela yohlaselo olungenalusini (fascist) ngokuchasene nabasebenzi. Umlomo wama impiriyali, amaphepha- ndaba ongxowankulu nesininzi sezosasazo badlala eyabo indima ekuphembeleni ubugebenga kumsebenzi ngokuchane nomnye umsebenzi. Ezinye zenkokheli eziphakathi zeANC ngokungathandabuzekiyo zingancedisa ukubeka izicwangciso zama impiriyali kwintshukumo njengokuba zazenzile ngo 2008

ngokulungiselela yaye ziphembelele abasebenzi abangodunkanka bathathe intshukumo ngokuchaseneyo nabantakwabo.

Ukwahlulahlula abasebenzi yinxalenye yamaqhinga ehlabathi ama impiriyali.

E-Riwanda ngo 1994 phantsi kwembonakalo ngathi bubugebengu bama Hutu-Tutsi yaye isigidi sabantu sabulawa, ama impiriyali aseMelika ayesenza uxhakamfulo lolawulo ekubeni awaseFrance nawaseBelgiam ayetyhalelwa ngaphandle; amawakawaka e machetes zangeniswa elizweni zivela kwivenkilezombilo zaseMelika eChina zisetyenziswe kubulalokazi. Ama impiriyali aseMelika asebenzisa iRiwanda njengeplanga lokutsiba ukwenza uhlaselo lwawo kwiDRC eseMpuma ukuthatha ulawulo lwezimbiwa ze cassiterite (ngaphezu kunamashumi asixhenxe epesenti 70% zezimbiwa zehlabathi zikulommandla; esisimbiwa sisetyenziswa kwi cellphones, laptops nakwi playstations); iinkumanda zomkhosi waseMelika zibonwe zihamba emhlabeni ngexesha leemfazwe kwiMpuma yeDRC; iRiwanda ikhupha elizweni izimbiwa ezingaphaya kunezo zembiwe phaya okuqinisekisa ukuba ingumjelo wezimbiwa eziphangwayo kwiMpuma yeDRC; uJonathan Oppenheimer (unyana ka Anglo American's Nicky Oppenheimer) ngumongameli kaUmicore, leyo iseluhlwini lwabangenisa ngokungekho mthethweni icassiterite kwindawo zoshishino zehlabathi.

Xa inyambalala yayiphakama eKirgyzstan ngomhla 7 April kulo nyaka, yabhukuqa unodoli weMelika, uBakiev, yaye yatshisa sangqungqa isakhiwo sepalamente, ukuswela inkokheli kuvulele omnye unodoli weMelika, uRosa Utambayeva, athabathe ulawulo lorhulumente wethutyana; kodwa lo 'rhulumente mtsha' akanankxaso eluntwini; yintoni ama impiriyali ayenzileyo?
Aphembelele ingcinga 'yomlo wobuhlanga phakathi kweKirgiz neUsbeks; kodwa ngenene yayilinyathelo lokutshabalalisa nokubhidekisa abasebenzi abo bebesachasene nombuso; xa amakhulu amawaka athi saa yaye ebhidekisiwe, umbuso ngesaquphe wabamba 'ireferendum ' leyo ngokutshiwo yabonisa inkxaso yayo;

Kwa lapha eMzantsi Afrika, xa uvukelo luka 1985 lwaluqhuba ngamandla uAnglo American namanye ama impiriyali aphembelela ungquzulwano phakathi kwa'mazulu' nama'xhosa' kodwa oku ngenene kwakuphembelela amaqela ahlasela ngokungenalusini (fascist group) inkatha ngokuchaseneyo nabantu, enethemba lokutshabalalisa i-revolution ngokupheleleyo; emva kwangaphezu kwamashumi amathathu amawaka 30 000 babantu ababulawayo inzolo yaqala ebantwini, ama impiriyali angena uzokuzinzisa le meko ngolonyulo luka 1994 (nangorhulumente wethutyana phambi kwalo).

Indlela ebheka phambili
Into esiyifunayo ziikomiti ezidibeneyo zokuzikhusela zabasebenzi abavela kubangeneleli (immigrants) beAfrika nabasebenzi balapha balwe ngokuchaseneyo nemiduka exhokonxayo, kunye namaqela ohlaselo ngokungenalusini karhulumente lawo ngokuthe gqo nabucala aseluhlwini lwabahlawulwa ngama impiriyali; kodwa ngaphezu koku, okona kuzikhusela kuphambili kukulungiselela elokwenene, nolungenasiphelo uqhankqalazo lukawonkewonke oluchasene namaxabiso anyukileyo ombane nolunye uhlaselo lwama impiriyali; sifuna umhlangano wabasebenzi kaxakeka, ubenabathunywa

abavela kwindawo zonke zokusebenza yaye nabavela kwabangaphangeliyo kunye nakubasebenzi abangabangeneleli, nabathunywa abasuka kumajoni odidi oluphantsi, bahlangane kulungiselelwe indlela yokulwa uhlaselo lwama impiriyali; kufuneka sibeth' ikhwelo kuleyo ntlangano yabasebenzi yabathunywa abasuka kwimpembelelo yabasebenzi eZimbabwe kananjalo abaseMadagascar, yaye ngenene abasuka kwilizwe ngalinye kummandla;iimanyano zabasebenzi mazivule amasango azo kubasebenzi bonke nokuba ngabangxungxayo okanye abasebenza isigxina, nokuba 'basemthethweni' okanye 'abakho semthethweni'; umvuzo olinganayo ngomsebenzi olinganayo, kummandla jikelele, iimeko ezilinganayo kubasebenzi bonke kummandla jikelele; hlutha ama impiriyali-ongxowankulu, ngaphandle kwentlawulo, yaye ubeke izinto zokusebenza phantsi kolawulo lwabasebenzi.

Asinakuxhomekeka kwinkokheli zikaCOSATU ezo zikumfelandawonye nongxowankulu abayiANC kunye neSACP; bazakuthi kulo naliphina inyathelo bazame ukulonakalisa ngabom umlo wotshaba (sabotage) intshukumo ze revolution zesininzi. I-ANC neSACP ezingamagwala ziyoyika ukulwa izihange ezingama impiriyali ezingunobangela wokujika iAfrika ibe yinkampu yawo yamakhoboka yabucala; ekubeni ama impiriyali esezingxakini, kukho ingqugu ezincipha ngokuncipha etafileni ka master wabo abamnyama abasalangazelela ukuba ngoongxowankulu (amabhulu amnyama), ngoko ke i-ANC eligwala ijikele kubantakwethu nodade bethu abamnyama abasuka kwiAfrika iphela, isenza umyalelo ka master wabo, bafumane amaqhekeza ammbalwa esilivere. Apho abasebenzi bazilungiselelayo (organising) ngokuchaseneyo nezizikrelemnqa, njengaseDu Noon, ama impiriyali akhusela izikrelemnqa ngokuvala umlomo iimatshi zabasebenzi. Apho izikrelemnqa zihlasela osomashishini amancinci, amapolisa ayazikhuthaza bashiye impahla zabo yaye engenzi nto ekubeni izikrelemnqa zizinceda empahleni.

Asinakuthembela kurhulumente akhusele abasebenzi; ngunobangela weekomiti ezidibeneyo zokuzikhusela ziyimfuneko zithathe intshukumo ngokuchasene nezikrelemnqa ezihlasela ngokungenalusini. Ngaphezu koko, ingaba ngenene kukudibana (coincidence) ukuba uPick 'n Pay, uShoprite, uSpar noWoolworths (icandelo elikhulu lezihange zokutya) bangabameli (sponsors) abakhulu bamaphepha-ndaba 'azimeleyo', omnye umphembeleli oyintloko osasazela ama impiriyali aphembelele uhlaselo ngabangenalusini?

Masingavumeli ama impiriyali abeke umsebenzi ngokuchaseneyo nomnye umsebenzi, masingavumeli abaxhokonxi ababulala ngokungenalusini baphembelele uhlaselo ngokuchaseneyo nabasebenzi; basebenzi behlabathi manyanani, akhonto mele siphulukane nayo ngaphandle kwamatyathanga ethu; sinehlabathi emasiliphumelele. Sibeth' ikhwelo lokumilisela ikomiti yolungiselelo isebenzele ukwakhiwa kwakhona kweFourth International!

WorkersInternational Vanguard League, SA section of International Leninist Trotskyist Fraction. 1st Floor, Community House 41 Salt River rd Salt River South Africa 7925 ph 0822020617ph [27] 21 4476777 fax 0865486048 workersinternational@gmail.com web www.workersinternational.org.za